VAKALISA ULUVO LWAKHO!

ULUNGELELWANISO LOMBINDI WONYAKA KWIMTREF NAKUMAKHADI AMANQAKU EZIKO NAWAMAQUMRHU KAMASIPALA

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo lokuvakaliswa kwezimvo zoluntu kulungelelwaniso lombindinyaka kwingeniso yexeshana yonyaka ka2021/22 kunye nesakheko senkcitho nekhadi lwamanqaku eziko lika2021/22 (umnyakamali wakalokunje) kunye nolo lwamaqumrhu eziko likamasipala (iZiko leNkomfa yeZizwe laseKapa neStediyam saseKapa), eziyinxalenye yeIDP 2017-2022. Oku kunxulumene nolungelelwaniso lombindinyaka ngokwesigqibo seBhunga somhla wama27 kweyoMqungu 2022.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka-2000, uluntu namaqela okanye imibutho enomdla inikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye iingcebiso kumasipala ukususela ngowe7 ukuya kowama27 kweyoMdumba 2022.

Izimvo zingangeniswa ngale ndlela ilandelayo:

- I-imeyile: idp@capetown.gov.za
- Izimvo ezibhaliweyo: ungazingenisa ngokwakho kwiBhungana elikufutshane nawe
- Iwebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

IYunithi engeNtatho-nxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuze ifumane izimvo zabo ukuba zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana neYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu ukuze ucele uncedo ngokumalunga nokungenisa izimvo kwa 0800 212 176 okanye kwa public.participation@capetown.gov.za.

Ulungelelwaniso lwengeniso nesakheko senkcitho yombindinyaka, ikhadi lamanqaku eziko kunye namaqumrhu azimeleyo kamasipala (iZiko leNkomfa leZizwe laseKapa nelingeStediyam saseKapa) luyakuthi lufumaneke ukuba luhlolwe kwiiofisi zebhungana, kwizakhiwo zamathala eencwadi kamasipala nakwa www.capetown.gov.za/haveyoursay.

Qhagamshelana neYunithi engoCwangciso buchule kwezoCwangciso kwa idp@capetown.gov.za ukuze ufumane enye ingcaciso.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA06/2022

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.